URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Vuyelwa Madasi**
ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
Vuyelwa.Madasi@westerncape.gov.za | 021 467 2108

Inombolo yefayili: 18/5/2
Isalathiso: 20230607-5204

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0009/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezichaphazelekayo

**Isihloko: Ukusiwa kweencwadi zomsebenzi zeSebe *iDBE* zamaBakala R ukuya kwele-9 ukulungiselela owama-2024**

1. Njengoko kuchaziweyo kwileta esuka kwiSebe leMfundo esiSiseko (iSebe *iDBE*), iSebe *iDBE* liya kuprinta yaye lihambise iincwadi zomsebenzi kuzo zonke izikolo zikarhulumente (eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa) eNtshona Koloni ukulungiselela unyaka wekhalenda yesikolo yowama-2024.

2. Ezi ncwadi zilandelayo ziya kusiwa ngqo ezikolweni:
   - Iincwadi zomsebenzi zeBakala R
   - EzamaBakala 1 ukuya kwele-6 zeeLwimi zeeNkobe
   - EzamaBakala 1 ukuya kwele-3 zeMathematika (kuLwimi lokuFunda nokuFundisa) (*LoLT*)
   - EzamaBakala 4 ukuya kwele-9 zeMathematika (kwisiNgesi nakwisi-Afrikansi)
   - EzamaBakala 1 ukuya kwele-6 zoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo kwisiNgesi kunye
   - NezamaBakala 1 ukuya kwele-3 zeZakhono zoBomi (kuLwimi lokuFunda nokuFundisa) (*LoLT*)

3.1 IVolyum 1 yowama-2024 (yeKota 1 neye-2) neyeBakala R, ziya kusiwa kuzo zonke izikolo ukususela ngo-Agasti ukuya kuSeptemba 2023.

3.2 IVolyum 2 yowama-2024 (yeKota 3 neye-4) iya kusiwa kuzo zonke izikolo ukususela ngo-Oktobha ukuya kuNovemba 2023.

4. NgoMatshi 2023, kwakucelwe iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe *iWCED*) ukuba linike iSebe *iDBE* amanani abafundi aqikelelweyo eencwadi zomsebenzi eziza kuprintwa zisiwe

ukulungiselela owama-2024. Amanani abafundi anikwa iSebe i*DBE* asuselwa kwingcaciso ekwi-*CEMIS* echaphazelekayo eyayifumaneka ngelo xesha.

5. Inani leencwadi zomsebenzi eziya kusiwa kwisikolo ngasinye ziyangqinelana namanani abafundi anikwa iSebe i*DBE* liSebe i*WCED*. Inani leencwadi zomsebenzi ngebakala ngalinye izikolo ezinokulindela liziswe liSebe i*DBE* linokujongwa kwiziko lewebhu le-*Learning and Teaching Support Material (Curriculum and Assessment Policy Statement textbooks)* (iincwadi zokufunda ze-*CAPS*) kwiziko lewebhu leSebe i*WCED kule dilesi:* https://wcedonline.westerncape.gov.za/learning-and-teaching-support-material-ltsm).

6. Kule ngcaciso imfutshane kuqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A,** uxwebhu olusisikhokelo oluchaza inkqubo elandelwayo phambi nangethuba lokusiwa kweencwadi zomsebenzi.

*7.* Zakuba zizisiwe iincwadi zomsebenzi ngumboneleli-nkonzo weSebe i*DBE*, kulindeleke ukuba izikolo zithelekise inani leencwadi zomsebenzi ezizisiweyo namanani anikwe kweli ziko lewebhu likhankanywe apha ngentla. Naziphi na iincwadi ezizisiweyo zeelwimi ezingachanekanga okanye ezishotayo mazibhalwe kwiphepha elibubungqina bokuziswa kwazo (*proof of delivery*) (*POD*)) yaye oko makwaziswe umboneleli-nkonzo obezise iincwadi zomsebenzi egameni leSebe i*DBE.*

8. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-06-23